

Abafundi bezikolo zephondo leMpuma Koloni, ngethuba bexhobisana kwi nkomfa yeRise Young Women's Club

UMFANEKISO: I'SOLEZWE LESIXHOSA

# Ulutsha luxovula imiba yalo

ABONGILE GINYA

IMIBA exovulwe kwinkongolo yolutsha olungamantombazana nebikhwetywe liqumrhu lakwa Soul City ichukumise nangakumbi iintliziyo zolutsha obeluyinxalenye nalenkongolo, bambi becinga emva ngeziganeko zoxhatshazo kwanongcikivo abanye babo esele zikhe zabehlela abangamaxhoba kuzo.

Le nkongolo, nebintsuku-ntathu, iqale ngoLwesihlanu yaqosheliswa izolo.

Ibizele imi ngeembambo iholo iLekkeroord Christian Camp Site eMonti, ngabafundi bezikolo ezahlukeneyo abaphuma koomasipala bonke bephondo leMpuma Koloni, ukusukela kumaphandle aseBizana ukuyo kughina eBhayi.

Ezona zinto bezisetafileni kule nkomfa yimiceli-mngeni ejongene nolutsha efana neendidi zonke zokuxhatshazwa, udlwengulo, usuleleko kwisifo sikaGawulayo, ukukhulelwa kwamantombazana aselula, uxhwilo labantwana abangamantombaza bathunyelwa kumanye amazwe kwanokuthwalwa, ngakumbi kwingingqi yaseMampondweni.

Ulutsha beluxhotyiswa ngemalikwenze ngakumbi kwabo bathe bachaphazeka.

UThoko Budaza weSoul City uvakalise ukuba iingxaki ezijongene nolutsha lwabasetyhini zaziwa ngabo kuquka nezisombululo ikwa zezabo, kungoko bebambe lenkonkongolo yokuxhobisana nabo, nangakumbi ngemicelimngeni abajongene nayo ekukhuleni kwabo.

"Sinethemba elikhulu lokuba obekule nkongolo uzakuphuma ehluthi kwaye sifuna bafike batyale olulwazi bathe baxhotyiswa ngalo apha kwindawo ngendawo zabo zokuhlala. Kukhona nabantwana abasuka ezilalini apho kusenzima ukuba umntu ahlale phantsi athetha ingxaki yakhe nomzali wakhe, lithuba eli elokuba babhodle okubatyayo," utshilo uBudaza.

Ongumfundi wesikolo samabanga aphakamileyo iCofimvaba High nongusihlalo we-*Young Women On a Mission* uthi ibafundise lukhulu le nkongolo, "Sizakuncedakala kakhulu thina kuba owona mceli-mngeni sinawo eCofimvaba kukumitha kweentanga zethu ngenxa yokungabi nalwazi ngezinto ezifana neekhondoms nanjengoko sisezilalini."

# Liyehla inani leentombi nto

ABONGILE GINYA

NANGONA nje uhlolo lobuntombi nto kumantombazana lusaqhubeka kwimimandla emininzi eMbizana ngenjongo zokugcina amantombazana eziphethe kakuhle, abo bajongene nalo msebenzi baxhalabile kukwehla kwezinga labo bafuna ukuhlolwa.

Oku kutshiwo nguNonkanyiso Sisilana olilungu leqela elijongene nohlolo lwamantombazana kwakunye namakhwenkwe kula ndawo. USisilana uthi izinga lamantombazana afuna ukuhlolwa lwehlile kula ndawo, kwaye oku kuyaxhalabisa kubo.

"Eyona nto esixhalabisayo kukuba zimbalwa ngoku iintombi nto. Amantombazana ayoyiqena ukuza kuhlolwa, kuba bayayazi ukuba sele besabelana ngesondo. Iyasixhalabisa ke lento kuba aba bantwana baza kwasulwelwa zizifo," utshilo uSisilana.

Ethetha eMonti kule mpelaveki kwinkongolo yolutsha ebikhwetywe ngabakwaSoul City, uSisilana uthi nani liye lisehla ngoku lamantombazana ahlolwayo alisafani kunaxa kuthelekiswa nakwiminyaka emihlanu egqithileyo.

USisilana uthi eyona njongo yohlolo yayikukukhuthaza abantwana abangamantombazana ekubeni bakhule beziphethe kakuhle bezidla ngemizimba yabo kodwa ngoku ngokutshintsha kwexesha nangokhuphiswano kubantu abatsha yenza omnye nomnye abawele ukufumana amaqithiqithi kumntu ancuma naye. "Ukwehla kwezinga lohlolo kunyusa namathuba osuleleko kwisifo sikaGawulayo," utsho uSisilana.

USisilana ukwakhalimele umba wokuthwalwa kwabantwana abangamantombazana esithi kukuxhaphazisa umntwana ukuba umse kumntu angamaziyo ngemvume ephakathi kwabazali engekho yena.

Othethele ibhunga elijongene nesifo sikaGawulayo ephondweni (Eastern Cape Aids Council) uVuyisa Dayile ulungqinile olu suleleko lwamantombi aselula esithi banyuke baya kumyinge ka-60 pesenti ngoku abathi bachaphazeleke kwizifo ezininzi zangaphantsi esithi kuba bangawo namaxhoba okulala nabantu abadala.

USamantha Ngcolomba, ongumcebisi kwezomthetho ukhuthaza ulutsha ukuba kwiimeko ezifana nokuthwala, uxhaphazeka, kwanosulelo lwesifo sikaGawulayo malutyelele amaziko oncedo afana neenkundla, amapolisa, oonontlalontle kwaye luyikhuphe lungayigcini ngaphakathi into umntwana emdlayo. Azithembe.

# Iimviwo bazibhala belele ngezisu

SITHANDIWE VELAPHI

INTLUNGU yabantwana besikolo samabanga aphantsi eXhorha ababhalela iimviwo becambalele engceni phandle, sele inwenwele kuzwelonke emva kokuba inqununu yesi sikolo ithe yathabatha umfanekiso wabantwana yawufaka kuFacebook.

UBabalwa Mtumtum, inqununu kwisikolo iPutuma Junior Secondary eXhorha, kwiveki ephelileyo uthabathe umfanekiso waba bantwana belele ngezisu bebhala iimviwo zaphakathi enyakeni.

Lo mfanekiso wenze usizi kuninzi lwabantu boMzantsi, nalapho uninzi lwabo belukhalimela isebe lezemfundo ephondweni, lumemelela ukuba kwakhelwe amagumbi abantwana.

Ebhala kuFacebook kwiveki ephelileyo, uMtumtum uthe: "Abantwana bam bakaGrade 8 babhalela iimviwo phandle nanjengoko amagumbi abo ezele ngabantwana bakaGrade 6 noGrade 9....kanti iyoze iphele nini le imeko apha ekhaya, sincede Bawo khe kubekho onokuvakalelwa..kubi ukubona le meko umhla nezolo."

UMtumtum uthi yiminyaka bethenjiswa ukwakhelwa isikolo, kodwa oko akuzange kwafezekiswa. "Sinabantwana abangange-1 180 kuGrade R ukuya kuGrade 9. Alikho igumbi elinabantwana abangaphantsi kwekhulu. Kulo nyaka siheshe abantwana abebefuna indawo yokufunda ngenxeni yento yokuba asinamagumbi," utshilo uMtumtum.

UMtumtum ukwabulele iKumkani yamaXhosa uMpendulo Zwelonke Sigcawu esithi wanceda wathethana neSebe lemiSebenzi yoLuntu nalapho kwathi kwafakelwa amabanga ambalwa. "Kodwa oko akwanelanga. Sifuna isikolo esitsha," utshilo.

Abantwana basePutuma ziintandane zeMpuma Koloni. Ngo2012 bamela iphondo kukhuphiswano lomculo eRhawutini apho beza nendawo yokuqala ngeculo lesiBhulu elithi "My Hartjie".

Kwaku2012, abantwana basePutuma, phantsi kodidi lwabancinci, bamela iphondo eRhawutini apho beza nendawo yokuqala ngeculo lesiLungu elithi "On My Own." Oku kwabenza bazintshatsheli kwilizwe liphela.

Kulo nyaka, abantwana basePutuma bebefumene inyhweba bokuba sesona sikolo sinye esichongelwe ukucula kumsitho wokombathiswa kukaSigcawu eNqadu kuGatyana.

Isithethi sesebe lezemfundo ephondweni uMali Mtima uthi isebe liyakhathazeka ukubona abantwana bengenamagumbi asemgangathweni. "Sizakuwuqwalasela umcimbi wasePutuma. Xa abantwana bengaphaya kwewaka esikolweni, oko kuthetha ukuba baninzi kakhulu," utshilo uMtima.



Abantwana basePutuma J.S.S. ngethuba bebhala iimviwo kwiveki ephelileyo.

UMFANEKISO: FACEBOOK

EAR, NOSE & THROAT SPECIALIST
Dr. Zamokuhle B. Khuzwayo
Durdoc Medical Centre, 15th Floor Suit 1501B
460 Anton Lembede Street (Smith Street) Durban, 4000
For Bookings Contact: 031 301 0501, Fax: 086 612 6630

VEHICLE RENTAL
CAR OR VAN from R95 PER DAY!
CASH OR CARD
AVAILABLE COUNTRY WIDE & AT AIRPORTS
Daily, weekly, monthly or long term.
Special discounts & unlimited kilometres rates available.

BLACKLISTED?
CAN'T GET FINANCED?
BANK DECLINED?
WHY NOT RENT TO OWN?
BRAND NEW OR LESS THAN 1 YEAR OLD
VW POLO, ISUZU, NISSAN, SUZUKI, HONDA, TOYOTA
082 742 9975 (KZN/National)
031-208 4826 www.VRENTALS.co.za